Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LE 9

NOVEMBA 2014

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESI 3 MEMORANDAM

AMANQAKU: 60

Le Memorandam inamaphepha ama − 4.

ICANDELO A: UKUBHALA ISINCOKO

UMBUZO 1

Umfundi ukhetha isincoko sibe sinye kwezidwelisiweyo abhale ngaso. Ubude ngamagama angama 210−250 (yimihlathi emi 4−8)

1.1 Kulindeleke oku kulandelayo kumfundi:

- Kwintshayelelo umfundi ubonakalisa ukulazi igama elithi inkululeko ukuba lithetha ukuthini.
- Kwimihlathi elandelayo makaqale emva/mandulo indlela ekwakuyiyo ukuze kuvele inkululeko.
- Makachaze izehlo/iziganeko ezenziwe yinkululeko ukuxhasa umbono.
- Iziqhamo zenkululeko; ezintle nezimbi.
- Kwisiphelo umfundi uyibona njani inkululeko? Atsho enika iingcebiso. **[40]**

OKANYE

1.2 Naku okulindelekileyo:

- Kwintshayelelo umfundi ubonakalisa ukulazi igama elithi umongameli oko likuthethayo.
- Uchaza imisebenzi kaMongameli ukuba kukwenza ntoni na elizweni.
- Wahlula imihlathi ngeendidi zoqoqosho echaza gabalala ngento anokuthi ayenze kwezempilo, ezemisebenzi,ukonyusa izinga eliphantsi lemali, njalo-njalo.
- Kwisiphelo ushwankathela ngamazwi anika ithemba elikhulu, ezithengisa ukuze avotelwe. **[40]**

OKANYE

1.3 Apha umfundi ukhetha iQhawe elincamisa umxhelo wakhe ukuze athethe ngalo gabalala:

- Kuchazwa kabanzi igama iqhawe ukuze kuphuhle intsingiselo yalo kwintshayelelo.
- Usinika igama lalo nemvelaphi yalo ukubonisa ukulazi.
- Kutheni ukuze alibize ngokuba liqhawe, zeziphi izinto elizenzileyo ebomini balo?
- Zeziphi ezona zinto azithandileyo kulo ezenza lifanelwe leligama?
- Kwisiphelo usinika olwakhe uluvo ngokubaluleka kobuqhawe. **[40]**

OKANYE

1.4 Siqwalasela oku kulandelayo:

- Umfundi unika isihloko esifanelekileyo ukuqikelela umfanekiso oveziweyo.
- Lo ngumgcwabo kabawo uMadiba, ke usenokuqala ekumlandeni umnombo wakhe.
- Ubomi bakhe.
- Ukugula kwakhe namalinge enziweyo.
- Ukufa kwakhe naphambi komngcwabo.
- Umngcwabo nasemva kwawo.

Ezi zimvo zisenokusebenza njengemephu yengqondo ukuze zilandelane iziganeko, utitshala wosebenzisa nezakhe iimbono kodwa zingalahli umxholo. **[40]**

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: IITEKISI EZIYIMIHLATHI (EZONXIBELELWANO)

UMBUZO 2

Umfundi ukhetha uhlobo olunye lonxibelelwano abhale ngalo. Amagama ali-120−140 ubude (4−8 imihlathi)

2.1 **ISIBHENGEZO**

Okulindelekileyo kumfundi koku:

- Makazi ukuba yintoni le ibhengezwayo. Umz: EYONA NDAWO YOKUTYELELA KUFUPHI NOLWANDLE. Umfundi unika esakhe isihloko sesibhengezo ngokukhokelwa ngumfanekiso.
- Iingongoma azakuthi azisebenzise phantsi kwesihloko, umz: OKUBUKWAYO, OKONWABISAYO, OKUTHENGISWAYO NGASELWANDLE. Isihlokwana ngasinye uthetha ngaso ngamagama ambalwa akhethiweyo atsala nanika umdla kubantu abafunda isibhengezo.
- Amagama asetyenzisiweyo abange umdla alobe abafundi.
- Mayinconywe indawo leyo ukuze ibange umdla, kwaye nefonti mayithi ndijonge. **[20]**

2.2 **UMYOLELO**

- Umfundi makabe ilifa ejonge ezi zinto zilandelayo:
- Igama lomnini lifa nefani. Inombolo yesazisi nedilesi yalapho ahlala khona.
- Igama likamama, inombolo yesazisi, indawo ahlala kuyo kunye nesabelo sakhe.
- Amagama abantwana nezazisi zabo, indawo abahlala kuyo nezabelo zabo.
- Ummeli/igqwetha eliza kuthi labe ilifa.
- Intsayino yomnini lifa kunye nomhla wesingqibo.
- Intsayino yamangqina kunye nomhla. **[20]**

2.3 **UNGENISO KWIDAYARI**

Makabe umfundi ukwenzile oku kulandelayo:

- Ukulandela umgaqo wokubhala idayari.
- Umfundi wenza ungeniso lwemiba ethandwa nguye.
- Ukuthabathela ingqalelo amagama aqingqiweyo.
- Lubange umdla kumntu olufundayo. **[20]**

AMANQAKU ECANDELO B: 20
AMANQAKU EWONKE: 60